

DISEMBA 2019



Hermanus	028 313 8000	Fax	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300		028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400		028 271 4100
Stanford	028 341 8500		028 341 0445

24-hour Emergency Fire Brigade 028 313 8000/8111
028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

NDIKUNQWENELELA UXOLO KUNYE NOVUYO NGEXESHA LOLONWABO

Umyalezo ophuma kuSodolophu, uDudley Coetzee

Njengoko ixesha lolonwabo lisondela ngokukhawuleza, umnqweno wam omkhulu ngowokuba wonke umntu okhethe ukuchitha ikhefu alisebenzeleyo kwi-Overstrand onwabele ixesha elisikelelekileyo ekunye nabo basondeleyo nabasenyongweni kubo.

Ngoko, ngonyaka omnye oya esiphelweni yaye omnye sele ufikile, uninzi lwethu luthande ukujonga emva kwizifizekiso zethu kwesi sithuba seenyanga ezilishumi elinesibini ezidlulileyo. Kodwa ngezizathu endingazaziyo sithanda ngokunjalo ukusoloko sijolise kwezo zinto zingasonwabisiyo esingasozwe de sibe sinokuzenza.

Ngokuthambekela kwinto yokokuba eli lixesha lenkolelo yaye ngenxa yokuba siza kube sichitha ixesha elibalulekileyo nosapho kunye nabahlobo, mhlawumbi liya kuba lixesha elifanelekileyo lokuhlalanga kwakhona kunye nabo sithe asabahoya kutsha nje.

Apha ndicenga ndileleza kuye wonke umntu okouba acingele abantu abadala, abangenabani nabangenamakhaya. Ngokuqinisekileyo xa sihlali etafileni ezaliswe kukutya okwaneleyo okungatya wonke umkhosana, kusenokubakho indawo yokuhlalisa nokokuba mne okanye babini okanye abangaphezulu. Ngoko kukho abo, ngaphandle kokuba umntu abenzele inceba, baya kujamelana nosuku olumfiliba apho indlala iya kulawula.

Awukashiywa lixesha lokokuba wenze inceba nokubonisa inkathalo kwabanye abantu. Imbuyekezo yokutya kwimpilo-ntle yomnye umntu ingaphezulu kwenzi onokuqikelela ukuyifumana. Xa sithetha ngokutya kwimpilo-ntle, nanjengoko ingumnqweno ngenene woMasipala wase-Overstrand wokokuba wonke umntu kufuneka onwabe ngeli thuba ezonwabele kumanxweme ethu, ukhuseleko lwenu lubaluleke kakhulu kuthi.

Ukuza kuthi ga ngoku, sithabathe amanyathelo okuqinisekisa ngento yokokuba abo bathanda ukuzonwabela kumanxweme ethu baya kuzifumana izibonelelo ezinikezelwayo zicocekile yaye ziqoqoshekile. Siqeshe ngokunjalo amavolontiya angezelelweyo onyanzeliso lomthetho aya kunceda ngokuqinisekisa ngento yokokuba ucwangco luyagcinwa kwizithuba zikawonke-wonke.



uDudley Coetzee

“SINAKHO UKWENZA UMAHLUKO, YAYE SIYA KWENZA NJALO.”

Esi sibhambathiso sisulungekileyo senziwa ngu-Sodolophu oNganeno osandula ukunzulwa, u-Akisha Johannes, xa yena namaqabane akhe angamashumi amathathu anesine bebekwa esihlalweni njenge-Bhunga leDolophu labaNganeno lase-Overstrand lesithubasowama-2019/2020 ngethubalomsithoowodwa obubanjwe kwiHermanus Auditorium ngomhla wama-31 ku-Oktobha 2019.

Esi sithembiso sihambelana ngokufanelekileyo nomyalezo kaSodolophu uDudley Coetzee kwibhunga labanganano elingenayo.

“Ngokunakuphikiswa, ihlabathi njengoko sisazi liphantsi kwengozi ngenxa yemingeni ebangelwa bubushushu behlabathi kunye nokungakhathali okucacileyo koluntu ngomnikelo walo kwingququ zesimo sezulu,” utshilo. Njengomphumela, abantu abatsha basiva ngakumbi isidingo sokuvakalisa ukucekisa kwabo ukusilela kweenkokheli zehlabathi ekuqwalaseleni isidingo esibalulekileyo sokugcina indalo yonke nokuyila isimo esikhuselekileyo ukulungiselela izizukulwana ezizayo “Okulusizi, ngoko, kunokuba bathabathe inxaxheba kwiinkqubo zedemokhrasi zokunzulwa iinkokheli zabo eziya kukhokhela indlela ebheka phambili, abantu abatsha abanyulayo bakhetha ukuthabatha isimo sokokuba ‘andikukhathalele okwenzekayo’.” “Eso simo asincedi, ukutsho nje: Umntu akana-kho ukukhalaza kwelinye icala, aze akhethe ngoko ukungabiyonxalenye yesisombululo kwelinye icala.

“Njengoko nifunda ngendlela asebenza ngayo

umasipala, ndiyanicela okokuba nincede nabelane namaqabane enu ngolu lwazi yaye nenze konke ekusemandleni enu ukuwavuselela okokuba athabathe inxaxheba kwiinkqubo zedemokhrasi ezisekelele eli lizwe.”

Koku, u-Akisha uphendule wathi yena, nenkxaso yamasekela akhe amabini - uHerschell Burns kunye no-Sisipho Lifaba - kunye namaqabane akhe angamalungu ebhunga labanganano uzimisele ukwenza umahluko. “Masisebenzisane. Masibe lutshintsho,” ucenge watsho.

Umphathi-nkqubo wolu rhatya, uCeba Grant Cohen, ulumkise abantu abatsha kwinto yokokuba ixesha labo liya kuphela ngomzuzwana yaye njengoko kukho into eninzi ekufuneka yenziwe ngeli thuba lincinane, ubacenge wathi “mabangachithi nosuku olunye” kodwa basebenzisele lonke ithuba ekubeni bakhule baze basebenzele ekubeni bathabathe i-Overstrand kwinganaba eliphezulu ngeengcebiso zabo naminikelo.

Kulula ukulichitha xesha, kodwa akunakulithenga. Ngoko sukwenza ngathi ingomso ulithenjisiwe. Ungaze uvumele iliza lenuqu licime iphupha oliphuphileyo. Ungaze usale unomnqa wokokuba ingaba ihlobo liyokutshona phi.

USodolophu Coetzee usebenzise ngokunjalo eli thuba wabulela uClaudia Weich, uSodolophu oNganeno ophumayo wama-2018/2019, kunye neqela lakhe ngokuzimisela kwabo kulo nyaka udlulileyo waze wenza ilizwi elilodwa lombulelo kubazali, kubacebisi neenqununu abanzame zabo neminikelo ethe yabonakala kwimpumelelo ngokubanzi yenkqubo.



USodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee uSodolophu oNganeno oza kungena esihlalweni uAkisha Johannes kunye neBhunga leDolophu labaNganeno lase-Overstrand elisandula ukunzulwa lwama - 2019/2020

Nceda uqaphele into yokokuba uluhushumbisw kwezitakantantsikubandakanywaikhrekha, amadangatye kunye neelanteni zamaTshayina - ziconisiwe kwi-Overstrand.

Mandenze isicelo kubatyeleleli kunye nabahlali okokuba bawasebenzise amanzi ngokuwonga. Ngenxa yeqondo eliphantsi lamanzi kwiDama iDe Bos, iBhunga limilisele iNqanaba 3 lezithintelo zamanzi kummandla oMkhulu waseHermanus.

Kulo mba Kanye, ndivumeleni okokuba ndidlulise umbulelo ongazenzisiyo kubahlali bethu abenza konke okusemandleni abo ukugcina ingabi sisibonelelo nje sodwa samanzi koko ngokunjalo ifauna neflora eyodwa eyenza le ndawo ibe ngumahluko kunxweme lweNtshona Koloni. Enkosi, ngokunjalo, kooceba abangamaqabane kunye nabasebenzi base-Overstrand abathe, nangona kukho imingeni emininzi, baxhasa ngokhalipho isasi sase-Overstrand: **We belong. We care. We serve.**

Kumoya wethuba lolonwabo, ndinqwenelela umntu naye wonke ubani iKresmesi esikelelekileyo kunye noNyaka Omntsha onamathamsanga. Kubatyeleli bethu, langa ithuba enilileli apha e-Overstrand ingalelo lineenkumbulo ngenxa yazo zonke izizathu ezilungileyo. Ozithobileyo, uDudley Coetzee

UKOVALWA KWEE-OFFISI ZIKAMASIPALA 2019/2020

Nceda uqaphele into yokokuba zonke ii-offisi zikamasipala kummandla wase-Overstrand, kubandakanywa amathala eencwadi, aya kuvalwa kuluntu ukususela:

- ✦ Ngentsimbi ye-13:00 ngolwesibini, umhla wama-24 kuDesemba 2019 ayokuvula ngoMvulo, umhla wama-30 kuDesemba 2019 mgentsimbi yesi-07:45
- ✦ Ngentsimbi ye-13:00 ngolwesibini, umhla wama-31 kuDesemba 2019 ayokuvula ngolwesihlanu, umhla wesi-3 kuJanyuwari 2020 mgentsimbi yesi-07:45

Uyaqinisekiswa, ngoko, ngento yokokuba unikezelo lweenkonzo eziyimfuneko alunakuphazanyiswa nangaliphi na ixesha. Kumbula ngokunjalo into yokokuba ii-akhawunti zikamasipala zinakho ukhulawulwa kusetyenziswa iinkqubo ze Pay@ kunye no-Easy Pay, kuzo zonke iivenkile, kwi-SA Post Office nange-EFT. Kwimeko engxamileyo enxulumene nezibonelelo, qhagamshelana neGumbi loLawulo leeyure ezingama-24 lase-Overstrand kule nombolo **028 313 8111**.

UMGANGATHO WAMANZI KWIZIKIM ZIKAMASIPALA

UMGANGATHO WAMANZI OKUSELA: EPRELI-SEPTEMBER 2019

INKCAZO YOVAVANYO	IYUNITHI	IMIGANGATHO NJE NGOKUBA SANS 0241	IZIPHUMO ZOVAVANYO EZIPHAKATHI IISAMPULU ZOVAVANYO LWAMANZI OKUSELA E								
			BR	KM	HM	SF	GB	DK	PB	BB	BJB
pH	(pH) units	≥ 5 to ≤ 9,7	7,2	7,1	6,7	7,4	7,7	7,6	7,7	9,0	7,6
Electrical conductivity	mS/m	≤ 170	30,1	35,1	45,8	76,6	93,8	55,2	52,5	68,5	171,0
Turbidity	NTU	≤ 1	0,5	0,2	0,4	0,2	0,6	0,1	0,3	0,6	0,2
Colour	mg/l as Pt-Co	≤ 15	4,5	4,0	4,2	4,0	4,2	4,3	4,0	5,0	4,0
Iron	µg/l as Fe	≤ 300	51,8	24,0	43,0	-	24,0	-	40,2	67,7	24,0
Manganese	µg/l as Mn	≤ 100	--	19,5	-	-	-	-	70,4	-	-
Aluminium	µg/l as Al	≤ 300	154,5	73,7	93,3	-	145,2	-	24,3	-	-
E.coli	Count/100ml	0	0	0	0	0	0	0	0	0	0

BR: Buffelsrivier | KM: Kleinmond | HM: Hermanus | SF: Stanford | GB: Gansbaai | DK: De Kelders | PB: Pearly Beach | BB: Baardsekerdersbos | BJB: Buffeljagsbaai

ISebe leZamanzi (DWA) lindulula ukuba amaxesha ngamaxesha oomasipala mabazazise iinkcukacha zomgangatho wamanzi okusela ababonelela ngawo abantu.

Umgangatho wamanzi umetwa ngekhawudi 0241 ebekwe yi-South African National Standards (SANS) yamanzi okusela.

Kule theyibhuli ihamba nolu xwebhu lwamanqaku

umgangatho wamanzi ofikelelwe ngumasipala weOverstrand kwizikim ezilithoba ukusukela KuEpreli 2019 ukuya kuSeptemba 2019 angabonwa. Iisampulu zamanzi ziqokelelwa inyanga nenyanga yilebhu egunyazisiweyo apho iibacteriaological ezahlukeneyo, i-chemicals kunye parameters zomzimba ziyalinganiswa.

Umgangatho wamanzi kamasipala weOverstrand

uphezulu kakhulu, ukumndilili wama-98% eziphumo ezihambelana no Code 0241 ngengoko kubekiwe yi South African National Standards (SANS) kumanzi okusela.

Xa umgangatho wamanzi okusela ungahambelani neSANS 0241, oko kuyalungiswa kumaziko ococomanzi. Emva koko amanzi aphinda axilongwe kujo-nawa kwiSANS 0241 ukuba ayahambelana na nayo.

UMGANGATHO WAMANZI KWIZIKIM ZIKAMASIPALA

EPRELI | SEPTEMBER 2019

INKCAZO YOVAVANYO	IYUNITHI	I-DWS NGOKUBANZI UGUNYAZISO IMIGANGATHO	IZIPHUMO ZOVAVANYO EZIPHAKATHI ZINOKWENZEKA IISAMPULU ZOVAVANYO LWAMANZI KU:					I-Hermanus Imvume Ugunyaziso Imigangatho
			GANSBAAI	HAWSTON	STANFORD	KLEINMOND	HERMANUS	
pH	(pH)	5.5-9.5	7,3	8,1	7,4	7,4	7,6	5.5-9.5
Electrical conductivity	(mS/m)	150	142	157	136	106	193	5000
Faecal coliform bacteria	(count/100ml)	1000	74	329	62	39	63	1000
Chemical oxygen demand	(mg/l)	75 Max	50	51	54	47	46	75 Max
Ammonia nitrogen	(mg/l as N)	6 Max	2	1	4	5	2	7 Max
Nitrate nitrogen	(mg/l as N)	15 Max	6,1	0,9	4,5	5,0	3,2	17 Max
Nitrite nitrogen	(mg/l as N)		0,2	0,2	0,2	0,6	0,2	
Total suspended solids	(mg/l)	25 Max	8	30	15,0	13	8	25 Max
Ortho-phosphate	(mg/l as P)	10 Max	1	3	2	2	2	10 Max

(Iyasebenza kubo bonke iWWTW ngaphandle kweHermanus)

ISebe leZamanzi (DWA) lindulula ukuba amaxesha ngamaxesha oomasipala mabazazise iinkcukacha zomgangatho wamanzi okusela ababonelela ngawo abantu kunye nomgangatho wamanzi amdaka.

Amanzi amdaka axilongwa ngokwamanqanaba abekwe nguDWA, achazwa njenge-General Standards, okanye i-Special Standards.

Itheyibhuli yokunyangwa kwamanzi amdaka ibonakalisa ukumndilili womgangatho wamanzi nezikhokelo kumaziko ama-5 kaMasipala weOverstrand kwiinyanga ezintandathu. Kuthat-yathwa amanzana athunyelwe kumaziko okuxilonga amanzi abhalisiweyo.

Umgangatho wamanzi kaMasipala weOverstrand

uhambelana kangange-96% omndilili wemilinga-niselo.

Xa amanzi okugqibela engahambelani neGeneral Standards, kulungiswa kumaziko onyango-manzi. Aphinda axilongwe kujongwe ukuba ayahambelana na neGeneral Standards.

UMSITHO WOKUPHETHULWA KWESOYI ISIPH OESIFANEKILEYO SOMHLA WOKUZALWA ESILUNGISELWE IINKONZO ZOMLILO ZASE-OVERSTRAND

UMasipala uza kutyala izigidi ezi-R2.48 kulwakhiwo lweziko lezithuthi



Yiminyaka elishumi okokoko kwaqaliswa ngeenkonzo zomliro ezisesikweni e-Overstrand, uMkhosi waBacimi-milouza kufumana isikhululo somliro esitsha, esipheleleyo ngezinye laso sezithuthi. Ukuza kuthi ga ngoku, izithuthi zokucima umliro bezigcinwa kwizakhiwo ezisecaleni kweSebe leZithuthi, into ethetha ukuba abacimi-mliro kufuneka babaleke baye kwibheyi ekwelinye igumbi, nto leyo ecutha ixesha labo lokusabela. Njengeniyathelo lokuqala lokulungisa isikhululo somliro esikhoyo, kulwakhiwo lweziko lezithuthi elilungiselelwe zona olwaqaliswa ngomhla wama-29 ku-Oktobha 2019 yaye, ukuba ngaba yonke ihamba njengoko ibicwangcisiwe, esi sakhiwo siya kulungela ukusebenza ngoJuni 2020. Olunye uhlobo olungaphezulu kwisakhiwo esele sikho sesebe lomliro, esisecaleni kwesakhiwo sezithuthi eMussel Street, siya kugqitywa ngamanqanaba. "Isikhululo esitsha siya kugcina izithuthi zokucima umliro, isithuba see-ofisi kunye nendawo yokulala ubusuku obunye (indawo yokuhlala) elungiselelwe abacimi-mliro," uchazile uSekela woyiNtloko yoMliro weMisebenzi noQeqesho, u-Angelo Aplon. Isikhululo somliro siya kuvulwa

iinyure ezingama-24 iintsuku ezisi-7 yaye siya kuba nakho ukuqhuba ngokuzimela sineejeneretha zenkxaso kwimeko yezehlo ezingxamileyo. Kwithuba elizayo, kuqikelelwa into yokokuba isikhululo siya kuba neZiko lokuQutywa kweSehlo elikumgangatho ophezulu apho ukusabela kwizehlo ezingundoqo okanye kwintlekele zinokulungelelaniswa khona. Iimeko ezinomoya ezaqhubeka ngethuba lomsiho wokuphethulwa kwesoyi zibe sisikhumbuzo esifanelekileyo semiba emininzi eyingozi ekufuneka abacimi-mliro base-Overstrand baqhelane nayo nangaluphi na usuku. Kwintetho yakhe echukumisayo enikezelwe ngale mini, oyiNtloko woMliro uLester Smith wabulela uSodolophu uDudley Coetzee, uMlawuli kaMasipala uCoenie Groenewald kunye noMphathi Neville Michael-sngesikhokhelo sabo kunye nenkxaso, wangezelela wathi, "Isikhululo esitsha sinyan-zelekile okokuba sinike ithemba njengoko siya kunceda kakhulu ekunciphiseni amaxesha zomliro nezohlangulo kufutshane kuluntu lwethu". Olu luvo lwaphindwa nguSodolophu uDudley Coetzee othe ixesha libalulekile kwiimeko zohlangulo njengoko umliro unakho ukubhebetheka ngokukhawuleza, njengoko sibonile kabuhlungu ekuqaleni konyaka. "Ukuza kuthi ga ngoku, isikhululo esitsha siya kunceda kakhulu ekunciphiseni amaxesha okusabela - into ethetha ukuba abacimi-mliro bethu ukufikelela kwindawo yexhawayo msinyane ukusindisa imiphfumlo nokukhusela iipropati," ugqibezele watsho.



ZINTSHAYI, NCEDANI NIFAKE IZIJUNGQE EMNGQOMENI!



U-Angelo Aplon, uSekela weNtloko yoMlilo: iMisebenzi noQegesho, uqinisekile okokuba iSebe loMlilo lase-Overstrand lilungiselelwe ukujongana nexesha lomlilo linamagosa omilo aqeshwe isigxina kuyo yonke imimandla, engeselelwe liqela elikhulu lamavolontiya okucima umlilo.

Ihlobo landulela ixesha lomlilo eNtshona Koloni.

Ngokuthambekela kumaqondo obushushu aphezulu akhoyo kunye nemimoya ebhulayo, i-Overstrand icela bonke abahlali kunye neendwendwe okokuba bangabangeli imililo yamatyholo elatyazayo ngenxa yokunga khathali - apha sifuna ukuqwalasela kwiintshayini ingakumbi.

Nceda ulahle izijungqe zakho zesigarethi ngenkathalo. Sebenzisa isixhobo esinokuphathwa sokugcina izijungqe zesigarethi (esifumaneka lula kwiivenkile) okanye usebenzise elula njengebhotele engenanto okanye itoti ezaliswe ngamanzi ukulahla izijungqe zakho. Nokokuba yintoni na oyenzayo, musa ukulahla isijungqe sakho ngefestile yemoto okanye usilahle ematsholweni.

Khumbula, ngokunjalo, into yokokuba ezo zijungqe zingunobangela omkhulu wongcoliseko lelabathi: Ziyinkunkuma, azifanele ukulahlwa kumjelo, zingalahlwa kwimifuta ngaphezulu ngokuqinisekileyo zingalahlwa elwandle.

Ngoko, ukuba unyanzelekile ukuba utshaye, nceda ukwenze oko ngenyameko unentelekelelo lwabanye abantu kunye nendalo.

IINOMBOLO ZOKUNGXAMILEYO NGOKULUNGISELELA UKUKHANGELA NGOKULULA, NCEDA UGCINE EZI NOMBOLO ZILANDELAYO ZIKUFUPHI:

- Ukulungiselela ukutsalelwa komnxeba ngengxaki enxulumene nemililo neengozi, Tsalela umnxeba kuMlilo noHlangulo lwase-Overstrand:
☎ 028 312 2400
- Ukulungiselela ukutsalelwa komnxeba okunxulumene nezibonelelo zikamasipala, Tsalela umnxeba kwiGumbi loLawulo lweeyure ezingama-24 lase-Overstrand:
☎ 028 313 8111
- Ukulungiselela ukutsalelwa komnxeba usenzela imibuzo ngokubanzi, nceda utsalele i-Ofisi eyiNtloko yase-Overstrand:
☎ 028 313 8000
- Ukulungiselela imicimbi enxulumene nonyanzeliso lomthetho, tsalela umnxeba:
☎ 028 313 8996
- Ukunika ingxelo nakuziphi na izenzo ezirhanisayo, tsalela isikhululo sakho samapolisa esikufutshane:
☎ Gansbaai: 028 384 0201
☎ Hermanus: 028 313 5300
☎ Kleinmond: 028 271 8200
☎ Stanford: 028 341 0601

ICASTLE BEACH IZA KUBA YEYESINE YASE-OVERSTRAND'S YEMIDLALO YEBLUE FLAG

Xa lithe laqalisa ngokusesikweni ixesha lolonwabo lowama-2019/20 ngomhla woku-1 kuDisemba, i-Overstrand ayisayi kusingatha zibe ntathu kodwa zibe ne iBlue Flag.

Kumsitho osesikweni wamabhaso obubanjwe ngasekupheleni kuka-Oktobha eV&A Waterfront eKapa, kwabengezwa okokuba iCastle Beach ePearly Beach ifumene iwonga layo leBlue Flag yaye ngoku iya kwabelana ngale mbasa kunye neGroto, iHawston kunye neKleinmond.

Ngaphezulu koko, i-Onrus Beach yayinikwe iwonga elilingwayo, yaye i-Overstrand iqinisekile okokuba iya kuba semgangathweni wokwangezelela iBlue Flag yesihlanu kwisikhundla sayo xa kufika ixesha lekhefu lowama-2020/2021.

Iwonga elipheleleyo leBlue Flag lanikezelwa kumanxweme athe ahlangebezana neemfuno eziphantsi ngokwemiqathango yokhuselo, izibonelelo, imigangatho yococeko neyendalo, ngeli xesha indawo ezilingwayo zinikwa ingqwalasela ngokusebenzela ekubeni zifezekise ezo mfuno.

Kwenye indawo e-Overstrand amaphenyane okuntywila kwindlu enokrebe aqhutywa nguMarine Dynamics kunye neGreat White Shark Tours, ngokunjalo namaphenyane ababini okulindwa kweminenga aqhutywa yiDyer Island Cruises nawo afumene iwonga lawo leBlue Flag.

EMzantsi Afrika, inkqubo yeBlue Flag iqhutywa yiWESSA (the Wildlife and Environment Society of South Africa) ngentsebenziswano kunye noogunyaziwe bakamasipala abathabatha inxaxheba. Iwonga leBlue Flag linikezelwa ngamathuba kunye noomasipala kufuneka benze isicelo rhoqo ngonyaka ukuhlaziya iwonga lamanxweme abo. Ewonke angama-45 amanxweme oMzantsi Afrika, namazibuko eenqanawa namaphenyane okuzonwabisa alishumi kunye namaphenyane okhenketho oluzunzileyo alishumi anikezelwa kwiBlue Flags, kuwo angama-33 aphuma kwiNtshona Koloni.

AMADANGATYE, IZITAKANTLANTSI KUNYE NEELANTENI ZASETSHAYINA AZIVUNYELWANGA



Zonke izitakantlantsi, kubandakanywa ukuthengiswa kwazo ngoko, kuconisiwe kwingingqi yase-Overstrand. Abahlali kunye nabatyelili bayakhunjuzwa okokuba makungasetyenziswa izitakantlantsi, kubandakanywa nezidubuli zintlantsi, ezinokudutyulwa naphi na kummandla womasipala wase-Overstrand - nokuba kuselunxwemeni, kwizithuba ezingenanto zoluntu okanye kwipropati yangasese.

Naluphi na ulwaphulo-mthetho lwemithetho eyilwayo kamasipala kulo mba kumisela ityala lolwaphulo-mthetho yaye abaphuli bemithetho baya kutshutshiswa ngokupheleleyo ngumthetho, okuya kuba nomphumela wezigwebho ezide zetolongo. Qaphela, ngokunjalo, okokuba ziinqanawa kuphela eziselwandle ezinokudubula amadangatye kwisimo esingxamileyo. Ukudutyulwa kwamadangatye emhlabeni akuvunyelwanga konke-konke.

Abahlali nabatyelili bayakhunjuzwa ngokunjalo okokuba le mithetho iyilwayo minye iya kuthintela ukusetyenziswa kweelanteni zaseTshayina njengoko iindlela zokubhabha okungalindelwanga kwezi lanteni kubangela ingozi enkulu kwi-fynbos esingqongileyo nezibonelelo.

"Ngenxa yembalela eqhubekayo, ummandla wethu wome kakhulu yaye nengozi yokubangela imililo yamatyholo iphakame kakhulu." INtloko yoMlilo yase-Overstrand, uLester Smith, ulumkise watsho. Ucele kubo bonke abantu okokuba basebenzisane nee-arhente zonyanzeliso lomthetho kulo mba nokusebenza kunye ukulungiselela ukunceda ngokuqinisekisa ngento yokokuba imibhiyozo ngeli thuba lokuzonwabisa iya kuba yekhuselekileyo neyonwabisa kumntu ngamnye nakubo bonke abantu. Kwimeko yokukhawulezileyo, nceda uqhagamshelane noMlilo noHlangulo lwase kule nombolo 028 312 2400.

UTRISTAN UZE NENDEBE EKHAYA ENQWENELWA KAKHULU YOKUTYIBILIZA KUMAZA!

Liphi ikhaya? "E-Onrus, ngokuqinisekileyo," utshilo uTristan Roberts omnyaka ingama-22 ubudala othe wathweswa kutshanje njengentshatsheli yehlabathi ekubeni egqibe i-APB World Tour yowama-2019.

Minyaka le, iAssociation of Professional Bodyboarders (APB) isingatha ukhenketho lwehlabathi apho ezona ngcungela ezityibiliza ngebhodi kumaza zikhupisana kumaza (yaye umntu nomnye) kwiindawo ezahlukeneyo ezisuka eHawaii ukuya eChilli, eAustralia ukuya eMorocco, ePortugal ukuya kwiCanary Islands - kunye neendawo esiphakathi.

Nangona sele etyibilize ngebhodi "kwiilwandle ezisixhenxe", ukutsho, uTristan usenombono yokokuba i-Onrus yeyona ndawo yokugqibela engcono kutyibilizo ngebhodi kumaza, yaye ndiqinisekile okokuba abanye abakhuphisana naye baya kuthi gqi nanagaliphi na ixesha kwakutsha nje ukuza kuzifumanela okokuba yintoni eyenza isimo esikunxweme lweNtshona Koloni sibe sesisala umdla.

Umgudu kaTristan utsala umdla kakhulu njengoko engumgqatswa wokuqala okokuba athweswe intshinga kumacandelo amabini elisezantsi neliphezulu: Ewe, ngowama-2014, uTristan wafumana itayitile yehlabathi yebancinane.

Ekwamkelweni kwakhe ekubuyeni kwezi lwandle, uSodolophu wesiGqeba wase-Overstrand uDudley Coetzee uthe, ngoburharha, naye ngokunjalo ufikile: "Kokokuqala okoko, ukubamba isandla sentshatsheli yehlabathi!"

Ngondiliseko, uSodolophu ungezelele into yokokuba okufezekiswe nguTristan kuya kuvuselela isizwe yaye, ingakumbi, uluntu lwase-Overstrand. "Ewe, kufuneka sijuyisane namaqhabe ethu, kodwa kukunyamezela kwakho ulwandle injongo yakho yokugqibela eya kuvuselela abantu kunye nolutsha lwethu iminyaka emininzi ezayo. Enkosi."



Umlungelelanisi we-Overstrand's Blue Flag, uLauren Rainbird, kunye neLungu leKomiti kaSodolophu leeNkonzo zoLuntu, uCeba Grant Cohen (ophakathi) onikezelwe iBlue Flags eziza kwanekwa kumanxweme amane ase-Overstrand nguGq Thommie Burger, CEO weWessa, kunye noSarah Ferguson weBreathe Conservation.